

# dablapmeds

The shortcut to your  
chronic medication

CCMDD: NHI initiative



## Imibuzo & limpendulo

### IMIBUZO

Yintoni i Dablapmeds?

Izakundenzela ntoni?

Ingaba oku kuthetha ukuba ayisekho imfuneko yokuba  
ndiye ekliniki kwakhona?

Kufuneka ntoni ukuze ndingene kuyo?

Zeziphi ezinye iimeko zezigulo  
ezinganyangekiyo eziqukwe  
kwi Dablapmeds?

Unomgi okanye umongikazi akandichazelanga nge  
Dablapmeds, ingaba oko kuchaza ukuba andinakufakwa  
kuyo?

Ndizakuyazi njani ukuba kufuneka ndiwalande  
nini amayeza am?

Ndingayitshintsha na indawo endilanda  
kuyo amayeza?

Kwenzeka ntoni xa ndiphose imini yam  
yokulanda amayeza?

### IMPENDULO

I Dablapmeds ngundlelamfutshane wokufumana unyanglo lwakho lwezigulo  
ezinganyangekiyo. Ivmela abantu abanezigulo ezinganyangekiyo kodwa  
ezilawulekayo balande amayeza abo kwiindawo ezikufuphi namakhaya okanye  
neendawo abaphangela kuzo bengakhange befole kwimikrozo yemigca.

Nge Dablapmeds uyazikhethela ukuba amayeza akho awulanda kufuphi  
nomsebenzi wakho okanye kufuphi nasekhaya. Oku kuqinisekisa ukuba awusoze  
uzifumanise ume emigenci emide. Uzakuthi unikwe amayeza eenyanga ezimbini  
ngexesha kwaye uzakuya ekliniki kabini ngonyaka.

Uzakuya ekliniki xa ungaziva mnandi. Lenkonzo ifumaneka simahlha kwaye yinkonzo  
ekwenzela izinto lula, ikuvumela ulande amayeza akho ezigulo ezinganyangekiyo  
ngokukhawuleza kunokuba ubuzakuwalanda ekliniki.

Cela umongi/umongikazi okanye ugqirha wakho akubhalise kwi Dablapmeds. Xa  
ngaba:

- Uzinizile emayezeni akho.
- Unesazisi esisemthethweni, inambari yencwadana  
yokundwendwela okanye inambari yokuba ngumphambukeli  
kweli okanye umntu onikwe igwiba, kwaye ukhetha ukuba kulenqubo.

Umntu ophangela ekliniki uzakuba nalo lonke uluhlu lweemeko zezigulo  
ezikulenqubo, kodwa zizakube zuquka:

- Iswekile
- Ipresha
- Ugawulayo
- Isifuba, nezinye ezinanzi.

Kungenzeka ungfakwa kuyo, wena nje buza umongi/umongikazi ekliniki ukuba  
akujongele.

mihla yakho yokulanda amayeza izakuthi ibhalwe kwiqweqwé/kwikhadini lakho  
lokulanda amayeza. Elikhadi/eliqwewqe ligcine khuselekileyo. Uzakuthi ufumane ne  
SMS ekukhumbuza ngomhla wokulanda.

Ewe. Xa uphindza usiya ekliniki ze unikwe unyanglo lwakho olutsha lweenyanga  
ezintandathu. Awuzukwazi ukutshintsha ungekaluggi obonyango lwakho.

Qinisekisa ukuba amayeza akho uwalanda kanye ngemini yakho yokuwalandia. Xa  
ngaba awuphumeleli ukuya kuzilandela, qinisekisa ukuba uwalandelwa ngumantu  
omtyumbileyo nobhalisiweyo ukuba akulandele. Lindawo zokulanda amayeza zivila  
iiyure ezinde ntoleyo ekwenzela lula ukuba ungawuphosu umhla wakho wokulanda.  
Amayeza akho akuthi agcinwe kwindawo olanda kuyo iintsuku ezisixhenxe. Xa  
ungawalandi de kuphele ezintsuku, igama lakho lakucinywa kulenkubo.

Ngoku sele ulungele  
ukuba sendleleni  
yakho ekhawulezayo  
nekufuphi eya  
empilweni nge Dablapmeds,  
the shortcut  
to your chronic  
medication.

Eastern Cape, Free State,  
Gauteng, North West  
**Toll Free – 0800 214 761**

Limpopo, Mpumalanga,  
Northern Cape  
**Toll Free – 0801 516 176**

KwaZulu-Natal  
**Toll Free – 0800 212 350**

The shortcut to your  
chronic meds.

Want to know how you can get your chronic  
medication quicker and more conveniently?  
We have the answers.

**CCMDD: NHI initiative**

## IMIBUZO

Kuzakwenzeka ntoni xa ndinganikwa okanye  
ndingafumani amayeza aphanuyezwe nguggirha  
ukuba ndiwasebenzise-ufike awekho okanye  
ndinikwe amayeza angengawo lawo  
ndiwasebenzisayo?

Ndingakwazi na ukuthumela omnye  
umntu andilandele?

Ndingumntu ofumene igwiba apha kweli lizwe  
ndinencwadana yokundwendwela yelinje ilizwe,  
ndingakwazi na ukubhalisa kwi Dablapmeds?

Kufuneka ndiphathethe ntoni xa ndisiya kulanda  
amayeza am?

Inambari yam ye cellphone itshintshile; ndingayifaka  
njani le intsha ezincwadini zalenkqubo?

Ndimtshintsha njani umntu endimtyumbileyo  
ukuba andilandele amayeza?

Ndinexhala lokuba abamelwane bam  
bazakuwabona amayeza am, aza  
efakwe entweni?

Ingaba indawo endilanda kuyo amayeza  
izakuhlala ivuliwe nangelixesa lobhubhane  
we COVID-19?

## IMPENDULO

Qhakamshelana nedesika yoncedo ebalwe ekhadini lakho  
kungenjalo usingise ekliniki.

Ewe, unganakho ukutyumba abantu babe babini bokulandela  
amayeza akho. Umntu okulandela amayeza kufuneka ahambe  
ephethi khadi lakho lokulanda amayeza aphathe nesazisi  
sakho nesakhe.

Ewe unakho. Qinisekisa nje ukuba uveza inambari yakho  
yencwadana yokundwendwela okanye inambari yakho yokunikwa  
igwiba kurnye nomhla wakho wokuzalwa ochanekileyo.

Kufuneka isazisi sakho, inambari yakho yencwadana  
yokundwendwela okanye inambari yakho yokunikwa igwiba,  
zifane twatse nezo zikwiqweqwe/zikwikhadi lakho  
lokulanda amayeza.

Qhakamshelana nedisika yoncedo kumnxeba wasimahla  
obhalwe kwiqweqwe/kwikhadi lakho lokulanda amayeza.

Chaza kwidesika yoncedo kumnxeba wasimahla okwiqweqwe  
lakho/okwikhadi lakho lokulanda amayeza kungenjalo utshirtshe  
umntu okulandela amayeza xa uphinda usiya ekliniki xa kuvuselelwa amayeza  
akho aphanuyezwe nguggirha.

Afakwa ebbokisini okanye kwisingxobo. Akakho/akekho umntu  
ozakuyazi ukuba kukho ntoni kwibhokisi okanye kwisingxobo sakho, sizakube  
sivalwe vingci/ibhokisi izakube ivalwe vingci.

Ewe, ukuziswa kwamayeza yinkonzo ebalulekileyo kwaye yona  
soze iphazamiseke. Wena uzakuhlala uzfumana ii SMS ezikuchazel ngomhla  
wokufika kwamayeza akho, yaye iindawo zokulanda amayeza zizakuhlala  
zivuliwe. Xa ngaba indawo yakho yokulanda amayeza ithe yavalwa ngasizathu  
sithile, uyakuthi waziswe nge SMS ngenye indawo ongalanda kuyo. Kubalulekile  
ukuba amayeza akho ezigulo ezinganyangekiyo uhiale uwalandia ngexesa  
obekelwe lona.